WMP/022/0025/1

UMANYANO MAYIBE YINTO YOKUQALA KULUNTU LUPHELA - ITSHO I-ANC:

- KUCELWA BONKE ABANTU INGAKUMBI ISCENERY PARK/JOHN LANGALIBALELE DUBE UKUBA ISHUMAYELE UMANYANO EBANTWINI NASEMIBUTHWENI NGOKUNJALO.
- MAKUNGAVUNYELWA NABANINA NOKUBA UYIKANISILE OKANYE UZIMBOKRA ISIFUBA ESITHI UYINKOKHELI UKUBA NGABA UQHEKEZA UMANYANO LWABANTU.

UMBIMBI:

MAQABANE I-ANC YALISEKA NZIMA UMANYANO PHAKATHI KWAYO NESOUTH AFRICAN COMMUNIST PARTY, CONGRESS OF SOUTH AFRICAN TRADE UNIONS KUNYE NESOUTH AFRICAN NATIONAL CIVIC ORGANISATION KWAYE AKAKAZALWA UMNTU OYAKUTHI ALUQHEKEZE. IZAMILE INATIONAL PARTY, DEMOCRATIC PARTY KWAKUNYE NEMIBUTHO YASE AMERIKA EFANA NEE-CIA KODWA YAWA PHANTSI. UNKONZO NOLAMEKI MLINGWAN XA BANGOBANI BONA, EKUBENI BANGALUQHEKEZA OLUMANYANO, EWE SIVILE NGENDAWO ABASEBENZELA KUYO BAZIBONAKALISA NABO KODWA NAKUBO SITHI BAZAKUFANA NALEMIBUTHO IBALWE NGENTLA APHA ABAZOKUPHUMELELA.

MAQABANE ASITSHO UKUBA IMALI YABANTU EGCINWE YISPDA PHANTSI KWENKOKHELI ZESANCO ILUNGILE, KODWA LONTO AYENZI UKUBA KUDE KUTHIWE ISANCO, SACP NECOSATU MAZIVALWE IMILOMO OKANYE ABANTU BAZO MABATSHISWE OKANYE BABULAWE NJENGOKO USIGEBENGA LAMEKI MLINGWANA ESHUMAYELA OKO, KE INTETHO ENJENGALE AYITSHOYO IBIFUDULA IYINTETHO EVELA KWIKAMPI YOTSHABA. UKUBA SIYAKWAZI UKUZIKHUMBUZA NGEMBALI YEMIZABALAZO YABANTU XA BABESILWELA AMALUNGELO OLUNTU, LUSUKE UTSHABA LUVAL'IMILOMO IMIBUTHO LUVALELE INKOKHELI ZAYO, LUDE LUBULALE NGOKUHLASELA NGOLUNYA AMADELA-KUFA WALEMIBUTHO. KONKE KE OKO KUYAKUTHI KUBULALE I-ANC ZITSHO INTSHABA ZAYO EZIFANA NEE - NP, DP, ADM KUNYE NABO BASEBENZELA I-CIA BANCUME OKANYE BAPHUMELELE NGOMNYAKA KA-1999. KALOKU FANELE SICINGE UKUTHI ASINGOMGAQO WE-ANC UKUBULALA NOKUTSHISA ABANTU, LEYO YIMIKHUBA KA-DE KLERK KUNYE NENKATHA KABUTHELEZI, NONKONZO NOLAMEKI.
XA SITHETHA NGOLUMBIMBI KUFUNEKA SIHAMBE SIBHEKA SIKHUMBULE NAXA KWAKUQALA UTHETHWA-THETHWANO NGO-1990 PHAKATHI KOMCINIZELI NOMCINEZELWA XA UMCINEZELI WAYEFUNA UKUCHWETHELA BUCALA OKA-SLOVO, WAZE WAVUKA UMNYELE UMZI WASEMZANTSI AFRIKA KWICALA LABACINEZELWA WATHI, "WITHOUT SLOVO, THERE'S NO NEGOTIATIONS".

UBUQHOPHOLOLO OBENZIWA YIKANISILE YASESCENERY PARK:

OKOKUQALA ASIYIYO UMGAQO WE-ANC INTO YOKUBA KUQOKELELWE I-R10 KUMZI NOMZI EGAMENI LE-ANC. I-ANC IYAYIKHUPHA IMALI YETRANSPORT KUBANTU ABASEBENZELA YONA. LE YENZEKA ESCENERY PARK YEYOBUQQHOPHOLOLO PHOFU KE NIYAYIBONA NANI KUBA LOMALI ITHENGE I-OPEL EBOMVU. I-ANC AYITHI MAKUHANJWE KUFUNWA IMALI DE KUTHIWE IMIZI ENGAYIKHUPHANGA MAKUBHALWE INOMBOLO ZAYO PHANTSI NJENGOKO I-ANC YASESCENERY PARK ISENZA NJALO KWAPHASE 3. ABANTU MABAHAMBE BAYOKUFUNA IMALI YABO KULAMEKI KUBA LOO MALI YILE APHINDE ANIZALISELE NGAYO, AJIKE KWAYENA ANIBETHE XA NINGAYIHLAWULI. YEKANI UKUTHI XA ESITHI "KUNJALO BAHLALI", NITHI "EWE KUNJALO" NIDE NIYIYIZELE KUBA UZAKUTHI NGOKU [illegible] ABAYIVUMAY LOO NTO ZENISHIYEKE NINTYUMPA-NTYUMP[illegible] EZONTO. INGQOKELELO YEMALI SAYIKHABA KWI-CNIP KASEBE NAK[illegible], KE MAKUNGAHLUMI ABANYE OHLOHLESAKHE. ASINGUWO UMGAQO WE-ANC OKANYE WEMBIMBI LOWO MPELA BUBUQHOPHOLOLO OBO.

ITHINI IPOSITION YE-ANC KWI-SANCO:

MAQABANE INDIMA NOBUDLELWANE BE-ANC NGOKUNXULUMENE NESANCO, SACP KUNYE NECOSATU BUCACILE NJENGOKO SELEKUTSHIWO NGENTLA APHA. KWAGQITYWA LUMBIMBI KWAKUNYE NESANCO UKUBA LEMIBUTHO MAYINCEDISANE, YAKHANE. UDUMILE WAYEZAMA UKUMISA LONTO, NTO KELEYO YAPHELA IPHELISA UBUHLOBO PHAKATHI KWAKHE NESCENERY PARK. NANGOKU LOONDIMA IMINJALO KWAYE KUFUNEKA IXHASWE NGABO BONKE ABATHANDI NABALWELI BENKULULEKO NEDABI LENGUQULELA EMHLABUHLANGENE. KUYACELWA KUBO BONKE ABANTU NAMAQABANE AKHOYO ESCENERY PARK ATHABATHELE KUWO UXANDUVA LOKUMISELA NOKUVUSELELA LEMIBUTHO ICHAZWE NGENTLA PHAMBI KOKUBA UJUNE APHELE. KUCELWA ONKE AMAQABANE NGOKWENENE AHLANGANISE IMIBUTHO EKHOYO ESCENERY PARK KUMISELWE IKOMITI YEZOPHUHLISO KUBA YONA AYIMISWA NGUMBUTHO OMNYE. INTSIKA ZAYO NAZI-ANC, SACP, COSATU NESANCO, UKUZE KUNCENELELE NEECAWA, OSOMASHISHINI, IINKCUBEKO KUNYE NEMIDLALO. AYISOKUZE IQHUBELELE PHAMBILI ISCENERY PARK UKUBA NGABA



ANIKWENZI OKO, KUBA NANGOKU UPHUHLISO OLUQHUBEKEKAYO LOLWALUSEKWE LWAYILWA YISANCO, ENYE NENYE CWAKA.

UKUCATSHUKELWA KWESANCO NGUKANISILE SIGEBENGA "SGEBI"

KALOKU LO WABULALA ILUNGU LECOSATU ELALIYIMARSHALL EZIPHUNZANA WAZA WAGWETYWA IMINYAKA ELISHUMI NANGOKU USELIBHANTINTI KODWA ISISMANGA UYIKANISILE YAKWAMASIPALA LO AMTHUKA UMHLA NEZOLO KODWA ISIMANGA IMALI AYINIKWA NGONAZO PHANTSI KOMASIPALA AKAYITHUKI YONA. UKUSUSELA OKO WABULALA ELILUNGU LIKACOSATU UTHI UCOSATU MAKAVALWE UMLOMO. XA UNGUMNTU OPHILAYO UNGATSHO NJANI UKUTHI ABASEBENZI MABAVALWE UMLOMO, INGABO ABANGUMQOLO WEDABI NABAVELISI BOBUTYEBI BELIZWE. EZIMBALINI ZEMIZABALAZO YELIZWE LILIPHI ELILIZWE LAKHE LAPHUMELELA UMZABALAZO WALO BENGEKHO ABASEBENZI. YONA ISANCO UYITHIYE EGAZINI KUBA KALOKU YAQALA YAMHLUTHA ILUNGELO LOBUMARSHALL KUBA EZIBULALA. YAMOHLUTHA ILUNGELO LOKUCELA IMALI KOSOMASHISHINI KUBA LOMALI WAYEYITHOBA NGEMILENZE OKANYE AYIHLOHLE KWESOSISU SIKHULU SAKHE. WANIKWA I-R6000 E-S.A.BREWERIES NE-R21000 NGOSOMASHISHINI ABATHENGISA IPEYINTI, YONKE LOMALI YEHLA NOMLENZE OKANYE WAKHA NGAYO INDLU YAKHE ESCENERY PARK ESHIYA ABANIKAZI BAYO BEHLALA EMATYOTYOMBENI KO-C. WANQANDA UKUBA ABANTU MABANGATHATHI IZIZA KO-C. WATHI ABANTU MABANGAYI ESCENERY PARK KODWA YENA WAKHA FUTHI NGEMALI EYAYIPHIWA AMAHLWEMPU. KWANIKEZELWA KUYE UMATSHINI WOKWENZA IZITENA ZABANTU BASEZIPHUNZANA KUNYE NEMARSHALLS LOMATSHINI WABALEKA NAWO WAYAKUTSHO ESCENERY PARK WAWUTHENGISA WATHENGA IMOTO ENCINCI ELUHLAZA KUNYE NELORI. ZONKE EZOZINTO ZIYAFUNWA NGABANTU BASEZIPHUNZANA NTOKUNAYO ABAZALA BAKHE BAYAMKHUSELA. LUMKANI KE KUNGADITYANISWA NANI XA ZIPHUTHUNYWA. WAGXOTHELWA LONTO YISANCO YIYO KE LENTO AYITHIYILEYO ISANCO KUNYE NONAZO. BATHI KE ABANTU NINA ZANGE NIKHOTHE NAPHANTSI KWEZOZINTO MUSANI KE UKWENZIWA IKHUNI LOKOJA NGUKANISILE WENU. NGOKU LITHUBA LOKUBA KUTHETHWE INYANI NOKUBA NINA ANIYIKUZAMKELA UKWENZELA UKUBA XA LIDUDUMA NINGAKHALELI MNTU KOKO NIZIKHALELE NINA. BANTUNDINI QIQANI. XA INGEKHOYO LENTO ITHETHWAYO KWAKUTHENI ULAMEKI UZAVALE UNAZO UKUBA ANGATHETHI NYAKENYE XA WAYEBIZWE NGABANTU BASESCENERY PARK.

INTLANGANISO ZAKHE ZEZOKUSHUMAYEZA IYANTLUKWANO:

ABAMELLWANE ABASABULISANI, NABAZALANAYO ABASAVANI KUBA INTO AYENZAYO USHUMAYELA IYANTLUKANO KUBACINEZELWA. UPHUHLISO LWAKHE ULIBONA ESISWINI ESIGCWELE IIR10 UKUBA LUYASEBENZA. UPHUHLISO LWAKHE ULUBONA XA EQESHELA OTITSHALA KWINDLU YAKHE INTO LEYO EDALE UMSANTSA KOTITSHALA. IKANISILE IFUNA NTONI EKUQESHENI OTITSHALA IYEPHI IKOMITI YESIKOLO. USHUMAYEZA LOYANTLUKWANO NASEMDANTSANE NASEDUNCAN VILLAGE. UZENZA ZONKE EZIZINTO EMVA KOKO AKHWAZE ABANTU BEECAWE BAZOKUTHANDAZA. UPHUHLISO LWAKHE KUKUDUMA ~~KWEMBUMBULU UBUSUKU~~-NOBUSUKU. UPHUHLISO LWAKHE KUKUBHALA ULUHLU LWABANTU AMABATSHISWE LULUTSHA LWAKHE NJENGOKO WAYESENZ[illegible] EZIPHUNZANA, NANJENGOKO EYINGQINILE LONTO KWINTLANGANISO YAKHE [illegible] WE-12 KAMEYI. LONKE OLOLUTSHA LWABANJWA OLUNYE OLUFANA NONONDARAMBA LWABHACA, YENA USATYA ELALA NOMFAZI WAKHE NANGOKU KUBA INTOLONGO ZAMBONELELA, EKUSEKHO LOMBUZO UJINGAYO NANAMHLA OKU NGALONTO.

NANI NIZAKUBANJALO KUNGENTSUKU ZATYWALA. YAZINI UKUBA ASINGUWO UMGAQO WE-ANC LOWO. MAQABANE CELANI IINKOKHELI ZENGINGQI ZOMBINI OKANYE ONDLUNKULU BE-ANC NOSANCO BAZOKULUNGISA LENGXAKI KUBA ULAMEKI NONKONZO ABAFUNI UKUBA ILUNGISWE NGENXA YEMINQWENO YABO EYAZIWA NGAMAPOLISA.

PHAMBILI NOMBIMBI PHAMBILI

PHANTSI NGABANTU ABANEPHULO LOKUBULALA UMBUTHO WESIZWE BENGENJONGO ZOKUFEZEKISA IIMFUNO ZEBHOSI ZABO PHANTSI